education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)
IPHEPHA LESITHATHU (UVIWO) (P3)

NOVEMBA 2007

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO

1. Umviwa kulindeleke ukuba aphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.

2. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

3. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.

4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

5. UBUDE BEEMPENDULO:

   ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-350 - 400 amagama.
   ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala ama- 180 – 200 amagama (umxholo kuphela).
   ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala ama- 100 - 120 amagama.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe siNye esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-200 ukuya kuma-250.

UMBUZO 1



Ububukele umdlalo webhola ekhatywayo phakathi kwamaqela amabini angoompondo zihlanjiwe obe ubanjelwe kumabala ebhola ekhatywayo akufutshane nendawo ohlala kuyo. Balisa ngalo mdlalo ususela ukungena kwabadlali ebaleni ukuya kutsho ekupheleni komdlalo. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 2

Abantwana sisipho esivela kuSomandla ngoko ke kubalulekile ukuba baphathwe ngendlela eyiyo. Ebumelwaneni bakho, kukho umntwana ophethwe gadalala kwaye unqwenela ukuba oku kwaziwe ngabasemagunyeni njengooNontlalontle namapolisa. Chaza ngempatho-mbi ajamelene nayo lo mntwana imihla nezolo uze nesisombululo esinokwenziwa ukukhupha olu sizana kule ngxaki lukuyo. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 3

UKUZIBHAKAXA KWABAFUNDI KUSHISHINO NGEZIYOBISI KUKHOKELELA KWINTSWELA-MBEKO NOKUNGALAWULEKI KWABAFUNDI EZIKOLWENI EZITHILE NAKUMAKHAYA ATHILE.

Lo mbandela ukhankanywe ngasentla ungunozala weengxaki zokuphuncuka kwezimilo nolawuleko lwabafundi ezikolweni zeli. Xoxa kuvakale ngalo mba, udandalazise izimvo zakho, uze unike isihloko sakho. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 4

Abantu abasini sifanayo, bakholelwa ukuba imitshato yabo mayamkeleke ngokusemthethweni njengayo yonke imitshato, kodwa abathile kwezenkolo ngeenkolo bayakuchasa oku kuba besithi kuyakhabana nelizwi likaThixo. Bhala udandalazise izimvo neemvakalelo zala maqela omabini ngokulinganayo, phantsi kwesihloko esithi, 'Sonke sinamalungelo ngokulinganayo', wandule ukuveza olwakho uluvo ngalo mbandela utshisa ibunzi.

Bhala uvakalise izimvo neemvakalelo zakho malunga nalo mthetho. **[50]**

OKANYE

UMBUZO 5

Bhala isincoko esibandakanya isivakalisi esithi, 'Ukuba ndandiqondile ngendingazange ndivume ukukhwela kuloo moto njengokuba ……..'
Nika ESAKHO isihloko. **[50]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Chonga umhlathana omde ube MNYE kuphela. Bhala ama-120 – 150 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 1

Ngakwindawo ohlala kuyo, kukho ndawo ithile engekude kuyaphi yokulahlela inkukuma, imdaka, inyhukunyhuku, inamanzi amileyo, ibhuza iimpukane. Kubhuza ibubu leempukane eziluhlaza, nezinja ezibhityileyo nezikhuthukileyo zizimasa le ndawo imihla nezolo. Bhalela uCeba weWadi yakho umcela ukuba eze nesisombululo esikhawulezileyo kule ngxaki nizifumana nintyumpantyumpeka kuyo kuba impilo yenu isesichengeni. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 2

Utitshala okufundisa isiXhosa njengolwimi esikolweni sakho uza kuthabatha umhlalaphantsi. Njengonobhala weQumrhu lesigqeba sombutho wabafundi ubona kubalulekile ukuba nani njengabafundi nibe nenxaxheba eniyidlalayo kulo mhlalaphantsi wetitshala yenu njengoko beniphethene kakuhle iminyaka le. Ngoku ke khawubhale phantsi imizuzu kunye ne-ajenda yentlanganiso umemela amanye amalungu ukuba nizokupicotha lo mcimbi. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 3

Abantwana bendawo ohlala kuyo bacinga ukuba le nto yakho yokusoloko uxakekile ziincwadi zakho ungayi nakwiindawo ekonwatywa kuzo lulutsha olungangawe kukuzibambezela ngobomi. Ngoku wena loo nto yakunceda kuba uziqhubela umnyobo wemoto, uhlala kwiindawo ezitshisa bhe. Khawubancede ke wenze intetho ukhuthaza aba basafundayo ukubaluleka kokuqala ngezokuqala ugqibele ngokonwaba. **[30]**

OKANYE

UMBUZO 4

Kwiphephandaba lempelaveki kwindawo ohlala kuyo kupapashwe isithuba somsebenzi wethutyana esifuna umthengisi weempahla oza kusebenza ngexesha leeholide zeKrismesi kwivenkile yempahla leyo. Kufunwa umfundi opase ibanga le-10, okhutheleyo, okwaziyo ukunxibelelana ngokukuko nabathengi nokuthandayo ukusebenza nabantu. Bhala iSivi enomdla ehambelana nezi mfuno zalo msebenzi. **[30]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Bhala umhlathana ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama ali-80-100. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 1

Unqwenela ukuvula ishishini lokuthengisa amagwinya, iziselo ezibandayo ezinganxilisiyo kunye namaqanda nobunye ke ubuvilikitshana nje. Bhala isibhengezo – ntengiso esinomtsalane esinokuthi senze abantu babone kufanelekile ukuba bagxalathelane ukuza kuthenga kwishishini lakho. **[20]**

OKANYE

UMBUZO 2

Umhlobo wakho uphesheya kolwandle, uye kumela isikolo senu njengomfundi ophantsi kwenkqubo yotshintshiselwano ngabafundi. Yila ngoko iposkhadi eya kumhlobo, umnqwenelela impilo entle nempumelelo kwelo lizwe londwendwelo. **[20]**

OKANYE

UMBUZO 3

Ufumene imfonomfono kumzali wakho osebenza kwenye yeedolophu zeli loMzantsi Afrika uya kucela ukuba umnike indlela eza kwisikolo ofunda kuso ngeenjongo zokubonisana notitshala wakho okufundisa isiXhosa. Mbhalele phantsi imephu yendlela eya kwisikolo sakho, uyenze icace gca. **[20]**

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE KWICANDELO: 100